



Ibali likaLesedi

Tebogo Matshana

Tebogo Matshana





Udadewethu uLesedi sisitshingitshane.

Uyagungqagungqa esesitulweni sakhe ezenza ibhere.

Uyakuzimela phezulu emthini xa wena uzama ukumbamba.



UMakhulu wakhwaza, “Suka apho, yihla, uza konakalisa iinwele zakho!”

“Owu Makhulu,” waphendula uLesedi,
“Sendiphakathi emoyeni!”

Engakholelwa, wanikina intloko yakhe uMakhulu.



Iyakholeleka into yokuba qho xa kunethayo,
udadewethu uLesedi angabaleka kuloo mvula.

“Lesedi!” wakhwaza uMakhulu, “Ngena
ngaphakathi, uza kumanzisa iimpahla zakho!”



ULesedi wenza imizobo ngesidlo sakhe sangokuhlwa, waxova udaka oluncinci ngeti yakhe.



Uyaligqumisa, alimbakraze igubu lakhe, aze aqhushumbise ikatari yakhe yombane.



Yiyo loo nto angawuqapheliyo umonakalo awenzayo kwigumbi lethu!



“Lesedi!” watsho uMakhulu, “Ngokwenene asiyondlela ekumele intombazana iziphathe ngayo le.”



“Owu Makhulu,” watsho ezamla uLesedi,
“Yindlela endidalwe ngayo le.



Ubusuku bonke uLesedi uyaguquguquka,
ubuthongo abuhli kuye.



Kodwa makufike intsasa, uLesedi uyozela.

“Owu Makhulu,” watsho uLesedi, “Khange ndilale kakuhle konkekonke.

Ndicela undidlulisele umtshayelo, ndiyaqonda ndiza kucoca igumbi lam.”



Owu Lesedi!" wancuma uMakhulu, "Mhlawumbi uya kugqibela ngokuba linenekazi!"

"Owu Makhulu," wancuma uLesedi,
"Ndingandim, ndize ndibe linenekazi kanaanjalo."



“Ndingazizo zombini. Ndingayiyo nantoni na endifuna ukuba yiyo,” watsho udadewethu esanga uMakhulu.



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



Your attribution should include the following:

Title: Ibali likaLesedi

Author/s: Tebogo Matshana

Translator/s: Pretty Neliswa Magangxa

Illustrator/s: Tebogo Matshana


Assurer/s: Angelinah Dazela

Language: isiXhosa



© Zenex Foundation - Saide 2023

CC BY includes the following elements:

BY  - Credit must be given to the creator

